


ICANDELO A: ISICATSHULWA**UMBUZO 1****Umakisho lwesicatshulwa lumi ngolu hlobo:-**

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqondayo, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. (Nangona kunjalo, kunyanzelekile ukuba iimposiso ezikhoyo ziqatshelwe ngokukrwelelwa).
- Kubaviwa abasebenzise amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Nangona kunjalo, oku akuchaphazeli iimeko apho kusetyenziswe amagama akwiscatshulwa olunye ulwimi abhalwe ngobunjalo bawo.
- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizakuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe. Xa ezixhasile ngempendulo efanelekileyo engekho u-EWE/HAYI umviwa makawafumane onke amanqaku.
- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizakuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe. Xa ezixhasile ngempendulo efanelekileyo engekho u-EWE/HAYI umviwa makawafumane onke amanqaku.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo eziligama elinye aze umviwa anike isivakalisi esiphceleleyo, kumakishwa ngokuchanekileyo impendulo elindelekileyo eligama elinye xa ngaba ikrwelelwe/igqanyisiwe/ ifakwe kwizibiyeli/ ibhalwe bukekela/ iimpawu zocaphulo/oonobumba abakhulu/ ayigqamise esebenzisa ihaylaytha.
- Kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, umviwa udwelise uluhlu lweempendulo ezininzi, makisha kuphela ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

N.P.C. ZFH

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

NWS

- 1.1 1.1.1 Ikrele elintlangothi-mbini✓/ ikrele✓/ isigebenga✓/igqirha✓.
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)
- 1.1.2 Impembelelo yenzeka kumntu wesibini✓/ kubantu ababini✓/ kumntu✓/ emntwini.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.1.3 B✓/umhlobo✓/ B. umhlobo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.1.4 Anokwahluka ngengqondo ✓/ anokwahluka ngeengqondo ngeengqondo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.1.5 Isakuphicothwa ✓/isakuphendlwa✓/isakuphandwa✓/ isakuvunjululwa✓/ isakucamngcwa✓/ isakuhlolwa✓/ isakuqwalwaselwa✓/ isakujongisiswa✓/ isakuphononongwa✓/ isakuhlalutywa✓/isakugocagocwa✓/ isakuhluzwa✓/ isakubhencwa✓/ isakupecululwa✓/ isakutyhilwa✓/ isakucubungulwa✓.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)
- 6 Amele ukuba akhuthazane ukwenza okulungileyo✓✓/anqandane ekwenzeni izinto ezimbi.✓✓
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 7 Nantoni na oyenzayo kwabanye abantu, yilindele ukuba ingenziwa nakuwe✓✓/yenza kwabanye abantu njengoko unga bangenza njalo kuwe✓✓/ yenza njengoko ulindele ukuba kwenziwe nakuwe.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 1.1.8 Kukukwazi ukwahlula phakathi kokulungileyo nokungalunganga✓✓/ uhayi anganguhayi kwizinto ezingalunganga✓✓/ ndingazigcina ndixakeke zizinto ezakhayo.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 1.1.9 Angaphakamisa umgangatho wesikolo ngokuphembelela abafundi bakhuthale/ unokuthetha neziphathamandla ukuba zilungise ezo ndawo zikhalazelwa ngabafundi✓ kanti unakho ukusitsalela ezantsi isikolo.✓ (2)

PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001

PUBLIC EXAMINATIONS

Am

N.P.L. 2FH

- 1.1.10 Ngokusebenzisa ubuciko ubani angacebisa ngeendlela zokulungisa intlalo✓✓/ngokuvelisa imisebenzi, iindlela zoqoqosho✓✓/ngokugudisa emisebenzini nendlela yokubhekisa izikhalazo zabo kwabongameleyo.✓✓
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)
- 1.1.11 Ithetha ukuba mayizazi iinzima eziviwa ngabantu bayo✓✓/ mayizifake ezihlangwini zabalandeli bayo✓✓.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 1.1.12 Angawubonakalisa ngokuthi yonke into ayenzayo ayenze ngokufanelekileyo✓/ angawubonakalisa ngokuqeqesha abe ngumzekelo emntwaneni.✓
(Nayiphi na impendulo yamkelekile) (1)
- 1.1.13 Ndifunde amandla empembelelo kubomi bomntu✓/impembelelo intlangothi-mbini kuba ingakwakha okanye ikuchithe.✓
(Nayiphi na impendulo yamkelekile) (1)

1.2 ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

- 1.2.1 Umntu uncokola nomnye ophulaphuleyo✓✓ kuyayalwana✓✓/ kuyacetyiswana✓✓/ kuyalunyukiswana✓✓/ kuyanqandwana.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 1.2.2 Lumele ukuba akutshaywa kule ndawo✓✓/ lumele ukuba icuba alivumelekanga.✓✓
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 1 Ukhangeleka ebeke iminwe esilevini✓/ iliso ligxeleshe ecaleni/ ukhangeleka ecinga✓/ ukhangeleka emangalisekile.✓
Ukuthandabuza✓/ udanile✓/ ukhathazekile✓/ ukuzikisa ukucinga✓/ ukungonwabi✓/ ukuzisola✓/ ukothuka✓/ enexhala✓.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 4 Ezi zicatshulwa zifana ngokuba zozibini zithetha ngempembelelo✓/Ezi zicatshulwa zifana ngokuba zozibini zinolutsha.✓
Zahluka ngokuba isicatshulwa A sithetha ngempembelelo gabalala kanti isicatshulwa B sithetha ngempembelelo yabahlobo ekutshayeni icuba.✓✓ (4)

1
111 WATERS BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS
4

AMANQAKU ECANDELO A: 30

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

NWS


ICANDELO B: UKUBHALA USHWANKATHELO**UMBUZO 2****Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo- manqaku**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
 - Amanqaku ama-3 olwimi.
 - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
 - 1-3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
 - 4-5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
 - 6-7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo naxa becaphule.**
 - 6- 7 amanqaku acatshulweyo: akunikezelwa manqaku.
 - 1-5 amanqaku acatshulweyo: nikezela inqaku libe li-1 lolwimi.

QAPHELA:

- **Ubalo-magama**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.



Hm1

MPL. ZFH

Nuss

Naziphi na iingongoma ezisi-7 kwezi zilandelayo ziyimpendulo yombuzo. PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001

UCAPHULO		IINGONGOMA	
1.	Uthando masivume, luyinxalenye yobomi bethu.	1.	Uthando yinto efunekayo ebomini.
2.	Umhla we-14 kuFebruwari, nobizwa ngokuba ngumhla kaValentina, ngumhla wokuvuselela uthando ezintliziyweni zabantu...usuku lokukhumbula ootata kwakunye nosuku losapho luphela.	2.	Imihla enjengeValentina, iimini zokukhumbula oomama nootata neemini zokonwabela iintsuku zentsapho zivuselela uthando.
3.	Ukongeza kuyo yonke loo nto kukwakho nezikhumbuzo zemihla yokuzalwa kwabantu ezihlala ziqhubeka njalo amaxesha ngamaxesha...phakathi kwabantu.	3.	Ezinye izinto ezinjengokukhumbuza imihla yokuzalwa kwabantu zikhuthaza uthando.
4.	Uthando lwenza usapho luhlale luthandana, luxhasana, lukhathalelana.	4.	Umntu uziva ebalulekile xa ethe waxhaswa wathandwa, wakhathalelwa.
5.	Olunye uthando lolwabahlobo nabantu bonke. Singayintoni ngaphandle kwabanye abantu?	5.	Uthando lolukawonke-wonke kwaye kubalulekile ukuphalaza imbilini kubahlobo ukuze ungabi wedwa.
6.	Uthando yinto echukumisa iintliziyo zabantu...hleze kuthi kanti saphulukana nothando kudala.	6.	Uthando luyachukumisa, abantu bayabulalana abanye bashiya imizi behlekwa abalambayo ngeli xa abanye belahla ukutya emigqomeni.
7.	Uvela phi wena ungalwaziyo uthando into ebaluleke kangaka nexatyiswe ziintlanga zonke.	7.	Umbhali uvala ngokugxininisa ukubaluleka nokuxatyiswa kothando olufundiswa emakhayeni naziintlanga zonke de lukhokelele emtshatweni.

UMHLATHI

Uthando yinto efunekayo ebomini. Imihla enjengeValentina, iimini zokukhumbula oomama nootata neemini zokonwabela iintsuku zentsapho zivuselela uthando. Ezinye izinto ezinjengokukhumbuza imihla yokuzalwa kwabantu zikhuthaza uthando. Umntu uziva ebalulekile xa ethe waxhaswa wathandwa, wakhathalelwa. Uthando lolukawonke-wonke kwaye kubalulekile ukuphalaza imbilini kubahlobo ukuze ungabi wedwa. Uthando luyachukumisa, abantu bayabulalana abanye bashiya imizi behlekwa abalambayo ngeli xa abanye belahla ukutya emigqomeni. Umbhali uvala ngokugxininisa ukubaluleka nokuxatyiswa kothando olufundiswa emakhayeni naziintlanga zonke de lukhokelele emtshatweni.

[70]

[10]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMIPRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001**PUBLIC EXAMINATIONS****Ukumakisha iCandelo C**

- Upelo
 - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlawyelwa xa ngaba isiphene eso sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

UMBUSO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Kubantu bonke ✓ kuba wonke umntu uyayidinga impilo engcono✓/ kusapho ngokubanzi✓ kuba sithi isibhengezo-ntengiso ... inkululeko yempilo wena nosapho lwakho✓.

(Nayiphi na kwezi)

(2)

3.2 Ulonwabo✓/ Ukuphumla✓/ Impilo✓/ Incedisa ekucoleni ukutya✓/ Ihlaziya amalungu angaphakathi✓/ Ikusindisa ekufeni✓/ Intliziyo iba ngumqabaqaba✓.

(Nayiphi na kwezi)

(1)

3.3 Ewe siyahambelana islogani nesihloko ngolu hlobo kuba isibhengezo-ntengiso sithi, uziva uphumlile emphefumleni, emzimbeni nasengqondweni kanye oku komntwana embanjazelwa ngunina✓✓.

Ewe ziyahambelana kuba isibhengezo-ntengiso sithi le ti yamachiza endalo, imbambazela, iyathuthuzela ikwenza uphumle njengoko isihloko naso sisithi, iyambambazela✓✓

(Nayiphi na kwezi)

(2)

3.4 Kuqaqanjiswa olu luvo lokusetyenziswa kweli chiza njengemveliso yendalo engaxutywanga nanto✓/ ufuna ikholeleke ukuba kusetyenziswa ichiza lendalo✓/ ukutsala umdla ukubonisa ukuba le ti yenziwe ngamagqabi endalo.

(Nayiphi na kwezi)

(1)

- 3.5 UZukiswa unentliziyo entle kuba wambesa amahlwempu onentliziyo ende
 (Nayiphi na impendulo echanekileyo) Akabukeki umntu
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS
(2)
- 3.6 Luyabalukuhla kuba efuna ukunyanzela abathengi bathenge le mveliso bethenjiswa ukusinda ekufeni Luyabaqhatha, kuba befuna ukunyanzela abathengi bathenge le mveliso bethenjiswa ukusinda ekufeni Lujija ingqondo yabathengi ukuze bathenge le mveliso basinde ekufeni luyabaqweqwedisa/ luyabagrogresa/ luyaboyikisa kuba besoyika ukufa.
 (Nayiphi na kwezi) (2)
- [10]**


UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

- 4.1 Isincoko. 'Izinto endizenze ngeeholide zasehlotyeni' isincoko bayalelwa ukuba babhale isincoko.
 (Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.2 *Mixit/ Facebook/ Twitter/ Instagram.*
 (Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.3 Iveza ukuba umfundi akanasimilo kuba xa ebhekisa kumntu omdala umbiza 'lo' akanantlonipho kuba xa ebhekisa kumntu omdala umbiza 'lo' uyadelela kuba umbona njengomntu ongaqondiyo noshiywa ngamaxesha.
 (Nayiphi na kwezi) (2)
- 4.4 D. Zezanini. D. Zezanini.
 (Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.5 Sakhiwe kwisenzi.
(1)
- 4.6 Akuzifundi izinto esizibhalayo kwimithombo yethu yonxibelelwano uyashiyeka usemva.
(2)
- 4.7 Ukulunga: Zincedisa kumsebenzi wesikolo zincedisa kulwazi gabalala zincedisa kunxibelelwano olukhawulezileyo Ixabiso lokuzisebenzisa liyafikeleleka.
 Ukungalungi: Zithabatha ixesha labafundi zonakalisa indlela ababhala ngayo zonakalisa ulwimi abalusebenzisayo zibabeka esichengeni ngokuncokola nabantu abangabaziyo.
 (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- [10]**

UMBUZO 5: ISICATSHULWA

- 5.1 C ✓/Sibayiyo✓/C Sibayiyo.✓ (1)
(Nayiphi na kwezi)
- 5.2 Sisimelabizo✓/ isimelabiso sokwalatha✓/isimelabizo sokukhomba✓/
Isikhombisi✓/isalathisi.✓ (1)
(Nayiphi na kwezi)
- 5.3 Ukuziqeqesha kubhekiselele ekubeni lukhuni.✓ (1)
- 5.4 Ubani xa ekwazi ukuziqeqesha uba namandla nokuzithemba.✓ (1)
- 5.5 Umbhali **uthe**✓ kumfundi, xa **uneso** ✓ sakhono uyakwazi ukwenza izigqibo
ungajiki ...✓
Umbhali **uthe**✓ kumfundi, xa **eneso** ✓ sakhono uyakwazi ukwenza izigqibo
angajiki ...✓ (2)
(Nasiphi na isibini kwisivakalisi)
- 5.6 Imigibe nezabatha✓✓/ Imigibe✓/ Izabatha.✓ (2)
(Nasiphi na isibini)
- 5.7 Utitshala ufunela abantwana✓ inkxaso-mali✓ ukuze bakwazi ukuqhubela
phambili nezifundo zabo/u-Azo ufunisa uBhotsotso✓ ulwazi✓ kwithala
leencwadi ukuze akwazi ukugqibezela uphando lwakhe. (2)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) [10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70



Am

N.P.L. Z.F.H.

